**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: ISINCOKO: (40)

   ICANDELO B: IITEKISI ZONXIBELELWANO: (20)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwicandelo ngaLINYE.

3. Bhala ngokucocekileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Kwizincoko ezilandelayo khetha sibe siNYE kuphela ubhale ngaso. Ubude besincoko sakho mabube phakathi kwamagama angama-250–300.

1.1 Bhala isincoko esichazayo: “Imfundo sisitshixo sobomi” (Yamanisa iingcinga zakho nokubonayo emfanekisweni). **[40]**



**OKANYE**

1.2 Bhala isincoko esicamngcayo ngesi sihloko silandelayo: “Udlwengulo lwabantwana abaselula ngathi lithath’ unyawo apha eMzantsi Afrika”. Dandalazisa izimvo zakho ngalo mkhwa umbi kangaka. **[40]**

**OKANYE**

1.3 Bhala isincoko esixoxayo ngesi sihloko silandelayo, Ndikholelwa ukuba abantu basetyhini ngabona bantu bakrelekrele kunabantu abangamadoda.” **[40]**

**OKANYE**

## ICANDELO B: IITEKISI ZONXIBELELWANO

### UMBUZO 2

Phendula umbuzo ubemNYE kuphela. Ubude betekisi bube phakathi kwamagama ali-160–180.

2.1 Bhalela umhlobo wakho incwadi (ileta) yovakalelo uvuyisana naye ekuphumeleleni kwakhe phambili kugqatso lomdlalo weqakamba obubanjwe kwinqanaba lephondo laseMpuma Koloni. **[20]**

**OKANYE**

2.2 Bhala idayari ngomxholo obonisa indlela ove ngayo wakufumanisa ukuba udliwe izithende ngumhlobo wakho obumthembile. Gxila kwiimpawu zobhalo lwedayari xa ubhala. **[20]**

**OKANYE**

2.3 Yenza isibhengezo-ntengiso sesonka esihlohliweyo (*isendwitsh*). Thengisela abafundi esikolweni. Batsale uyincome bagilane abathengi. (landela zonke iimpawu zokubhalwa kwentengiso). **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 60**
**AMANQAKU AGUQULELWE (60 ÷ 2): 30**